Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

GRADE 12

SEPTEMBA 2012

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2 ½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi – 8.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama**CANDELO AMATHATHU**:

   ICANDELO A : Izincoko (50)

   ICANDELO B : Imihlathana emide (30)

   ICANDELO C : Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo ube**MNYE** kwicandelo ngali**NYE**.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala **ICANDELO** ngali**NYE** kwiphepha elitsha.

5. Yenza **UYILO** (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci **KWICANDELO A**. Imizuzu engama-40 **KWICANDELO B** nemizuzu engama-30 **KWICANDELO C.**

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

UBUDE BEEMPENDULO

- **ICANDELO A**: Izincoko – Bhala isincoko esili-190 – 240 amagama.
- **ICANDELO B**: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 lamagama [umxholo kuphela]
- **ICANDELO C**: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama [umxholo kuphela]

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Sinike isihloko isincoko eso xa kukho imfuneko.

1.1 Ubuhle bendalo. [50]

OKANYE

1.2 “Lo mini andinakuze ndiyilibale, inene ndingathi ifana nqwa nobusuku obungenanyanga.” [50]

OKANYE

1.3 Inkqubela eMzantsi Afrika ibetha ngolonwabu. Ingaba yimpixano kwezopolitiko okanye bubuqhopholo obenziwa ngabasemagunyeni? [50]

OKANYE

1.4 Ingaba kuyimfuneko na ukubhala iimviwo zokuphela konyaka? [50]

OKANYE

1.5 Ulutsha lwanamhlanje lunamathuba amahle kakhulu okuzakhela ikamva eliqaqambileyo kodwa zininzi izinto oluzilibazisa ngazo. Lungaphuma njani olu lutsha kule ngxaki? Kwisincoko sakho dandalazisa amathuba olutsha unabise izinto ulutsha oluzilibazisa ngazo uqoshelise ngokunokunceda ulutsha luphumelele. [50]

OKANYE

1.6 Qwalasela le mifanekiso ilandelayo uze ukhethe ubeMNYE ubhale isincoko ngendlela owutolika ngayo umfanekiso, unike nesihloko esifanelekileyo.

1.6.1



[English for all: Ibanga 10, iphepha 142] [50]

OKANYE

1.6.2



[Bona Xhosa; Agasti 2011; iphepha 99] [50]

OKANYE

1.6.3

[Bona Xhosa; Agasti 2006; iphepha 13] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathana omde ubeMNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Ngeeholide zobusika ubundwendwele kwiphondo laseNtshona Koloni, wahambela iindawo ezintle ezinomtsalane kwaye wanezinto ozifundayo nangembali yelizwe loMzantsi Afrika. Bhalela umhlobo wakho ileta umbalisele ngako konke owakonwabelayo apho. [30]

OKANYE

2.2 IMEMORANDAM

Kwisikolo ofunda kuso ungunobhala wekhansile yabafundi (RCL). Abafundi besikolo sakho banengxaki yezindlu zangasese ezingekho mgangathweni eziyibeka esichengeni impilo yenu. Abafundi kudala bekhalaza ngale ngxaki koko ayisiwa so. Bhalela inqununu imemorandam ubeke elubala yonke le ngxaki ikhwinisa abafundi kwakunye nendlela enibona ukuba ingasonjululwa ngayo le ngxaki. [30]

OKANYE

2.3 INQAKU LEMAGAZINI

“Mlisela nomthinjana wakowethu masingaziqhathi, masingavumeli ukucaphukela isikolo kuxabe endleleni yethu yokufunda. Masingazivumeli izinto ezimbi ezenzeka esikolweni ziphazamise ukufumana kwethu ulwazi.” (NguFat Charlie – umoluleki nomcebisi)

Bhala inqaku leMagazini ukhuthaze abafundi ngokubaluleka kwesikolo neziqhamo ezithi zivunwe ngulowo othe waphumelela emfundweni. [30]

OKANYE

2.4 UDLIWANO-NDLEBE

Uyintatheli yezemidlalo yejelo losasazo i-SABC, yenza udliwano-ndlebe nomqeqeshi webhola yombhoxo yeqela lesizwe (Amabhoko-bhoko). Uchaphazele konke okumalunga neNdebe yehlabathi yebhola yombhoxo. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Bhala umhlathana ubeMNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Sebenzisa lo mfanekiso ungezantsi wenze isibhengezo-ntengiso esifanelekileyo.

[Holiday Club Magazini; iphepha C56] [20]

OKANYE

3.2 UMYALELO

Ungumququzeleli wetheko lokuzalwa kukadade wenu ogqiba iminyaka engama- 21. Bhala umyalelo oza kuba semaphetshaneni aza kunikwa abantu abeze kuzimasa eli theko xa bengena kumasango eholo ekubanjelwe kulo eli theko. Umyalelo lowo mawuqale kwindawo yokumisa izithuthi, indlela yokungena eholweni, iindawo zokuhlala ngaphakathi eholweni, izindlu zangasese njalo-njalo. [20]

OKANYE

3.3 **IPOSIKHADI**

Ubuwelwe ngumqa esandleni waphumelela uhambo ngenqwelo-moya oluya kwikhonsathi yomculo womngqungqo (Jazz) eMauritious. Bhalela umzali iposikhadi umbalisele ngohambo olo lwakho.

[Drum Magazini; 15 Septemba 2011; iphepha 77] [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100